Ngexesha elikhethekileyo elibizwa ngokuba ‘lixesha lokuzala’ unombombiya olinenekazi elizilungeleyo ogama linguNenekazi wayenomsebenzi obalulekileyo kakhulu. Bekudingeka ukuba ashiye umyeni wakhe amthanda kunene ogama lingu Mhlekazi kuloo dolophu yabo ipholileyo yolwandle lwamatye.

Kwakufuneke ethathe uhambo ayokukhangela eyona ntlanzi imnandi ukulungiselela umntwana wakhe amthandayo xa eqanduselwa.





Igama elithi Nenekazi lithetha igama elithi ‘Lady’ ngesiNgesi, kwakhona elithi Mhlekazi lithetha igama elithi ‘Sir’. Abahlobo babo abakwangooNombombiya ikwangabo ababanika lamagama kuba babehlonelwa kakhulu kuloo dolophu. Nangona bonke oonombombiya bebonakala ngathi banxibe iisuti zohlobo lwe-tuxedos, kodwa uNenekazi noMhlekazi babephathwa ngokungathi ngabo bodwa abanxibe iisuti zosomashishini.



Kuloo dolophu yabo yonwabisayo yoonombombiya, uMhlekazi washiyeka kuba amadoda ayenowona msebenzi ubaluleke kakhulu, wokugcina amaqanda efudumele kwaye ekhuselekile de oomama babuye.

UMhlekazi wayekulungele ukuwenza lo msembenzi kuba wayengutata onamabhongo nenkathalo.



Ngenye imini eyayibanda kunene, uMhlekazi wayephezu kwenduli, enceda utata unombombiya owayebhidekile ngamaqanda wakhe. Babehleka isiqhazolo nanjengoko besebenza.





Ngephanyazo umoyana ongephi waliphephethekisa iqanda likaMhlekazi laphuncuka kwezonyawo zakhe laza laqengqeleka kwelo thambeka. Kwangoko, uMhlekazi walileqa iqanda lakhe lixabisekileyo.



UMhlekazi wabaleka kangangoko enokwazi, ephaphazela ezoflephu zakhe zibumaphikwana ngokukhawuleza, kodwa elinye ingabangaba eliqaqadekileyo lachwechwa – laza laliba.





Abanye ootata boonombombiya bakhwaza bezama ukoyikisa elo sela ukuze lishiye elo qanda, kodwa eli ngabangaba lalithi nqaku iqanda labhabha nalo, lilibambe nkqi lingenako nokuphuncuka.



Omnye unombombiya ogama linguGqwirha nowayehlala kwakuloo dolophu, nowayevele enomona ngoMhlekazi, kwangoko wabona ithuba lokumenza uMhlekazi aphulukane nokuxabiseka kwakhe. Abanye ootata baloo dolophu bamkholelwa uGqwirha xa esithi “uMhlekazi akanankathalo mjongeni ulahle iqanda lakhe”. Abanye ootata bamkholelwa baza bayeka ukumhlonipha ‘uMhlekazi’.





Kuquka nalaa tata wayemnceda ephulukene neqanda lakhe wamjikela, wayeka nokumbiza ngokuba nguMhlekazi, kodwa wambiza ngegama lakhe lakudala, uLitha.




Eziva elahliwe ngabahlobo bakhe, intliziyo yakhe yayilihlwili uMhlekazi wafikelela kwisigqibo sokuba athabathe uhambo lokuya kukhangela iqanda lakhe elilahlekileyo.





Kwangaxeshanye, elo ngabangaba laliphuncula iqanda kuba lalilikhulu kakhulu ukuba liphatheke. Iqanda lawela kwiphenyane lokuloba phezu kweminatha eyayiphantsi kwelo phenyane. Ngokumangalisayo zange lophuke. Umlobi olungileyo walithatha elo qanda ngexesha lisiwa walisa kwakhe ukuze alinakekele.



UMhlekazi wanxiba umnqwazi womntu awayewuchole ngaselwandle kudala, emva kokuzitshintsha imbonakalo wathabatha uhambo oluya kwidolophu ekufutshane iSimon's Town. Wayenemvakalelo yokuba xa ebenokuya kwidolophu yabantu wayenokuncedakala alifumane iqanda lakhe. Endleleni kwakufuneka alumkele ukugilwa ziimoto, iibhasi kuquka nezithuthi zikawonke-wonke kwanabo bantu abasoloko bebonakala bangxamile. Bambi abantu babenobubele yaye bambulisa, becinga ukuba uyindoda nje emfutshane ehloniphekileyo ngenxa yomnqwazi naloo suti yakhe yosomashishini yeentsiba ye-tuxedo.

Abantu babesithi "Molo, Mhlekazi". Babengazi ukuba igama lakhe nguMhlekazi, kodwa babebona ukuba wayefanelwe yintlonipho.






Njengoko umhlekazi esihla ngesitalato, wagilana nendoda egama linguMawethu waza kwangoko umnqwazi wakhe wawa, baveza ubuso bakhe bobunombombiya.

Le ndoda yadanduluka yathi “Ungunombombiya? Nanku lo nombombiya kudala ndimkhangela.” Ekuqaleni uMhlekazi yayimothusile le nto yokuwelwa ngumnqwazi, kodwa waziva enonxibelelwano olunzulu nale ndoda. Waba nemvakalelo yokuba ‘yile ndoda.

Kanye eza kumnceda afumane iqanda lakhe. Ngenene kuthe kanti wayechan’ucwethe! Kuba uMawethu yayingulaa mlobi owafumana iqanda waza wayokulinakekela ekhayeni lakhe.

UMawethu wamemela uMhlekazi ekhayeni lakhe. Bathi bakuba ngaphakathi, baya kwigumbi elikhethekileyo uMawethu apho wayesebenza ngezixhobo zokuloba, jonga naloo iqanda likaMhlekazi likhuselekile. UMawethu wayelikhusele ngeyona ndlela. UMhlekazi wamanga uMawethu wachiphiza iinyembezi zovuyo.





UMawethu wathatha ifoto eyayiphezu kwetafile waza wayinika uMhlekazi. Yayiyifoto kaMawethu, unkosikazi wakhe nabantwana bakhe ababini. “Ndikubonisa oku,” watsho uMawethu “ukuze ubone ukuba nam ndingutata. Ngoko ke ndiyazi kakuhle indlela eli qanda elibaluleke ngayo kuwe Mhlekazi.”



UMhlekazi wambulela uMawethu ukusuka emazantsi entliziyweni yakhe, kodwa wayengxamele ukubuyela kwidolophu yakhe Yolwandle lwaMatye ngaphambi kokuba oomama ooNombombiya babuye. UMawethu wayiqonda kakuhle loo nto waza wazinikela ukuba amkhwelise emotweni aze amgoduse. Kuba imoto yayikhawuleza kunokuhamba ngeenyawo. Yatsala imoto njengoko yayiphuma eSimon’s Town yangena kuhola wendlela kungekudala yafika kwidolophu Yolwandle lwaMatye isothusa abanye ootata.





UMhlekazi wamazisa uMawethu, njengomlobi olungileyo, bonke abanye ootata baqhwaba bevuya. Nditsho noGqwirha, umonashe, wayemangalisiwe kukukhalipha kukaMhlekazi nokuba ude wazenzela umhlobo ongumntu. Wathi akuveza iqanda uMhlekazi, ootata bonke bavuma ngamxhelo mnye.
“Mhlekazi! Mhlekazi! Mhlekazi!” uGqwirha wakhwaza kakhulu ebedlula bonke.



UMhlekazi wambalisela uNenekazi indlela iqanda elaphaphathekiswa ngayo ngumoya, laza laqengqeleka ethambekeni laza labiwa lingabangaba elisileyo. Wahlabela mgama embalisela ukuba wagqiba kwelokuba athathe uhambo ayokulifuna kwidolophu yabantu nendlela awadibana ngayo noMawethu, nowayenakekele elo qanda. Wambalisela nendlela abanye oonombombiya ababemjikele ngayo xa wayephulukene neqanda. Nendlela abaphinda bamhlonipha ngayo emva kwesenzo sakhe sobukhalipha sokuhamba ayokulikhangela yaye abuye nalo.

UNenekazi wancuma wathi, “Ndiyazidla ngendlela oye wakhalipha ngayo.” Waphinda wabulela nakuMawethu, esithi wayesoloko esazi ukuba abantu balungile kwaye baluncedo.



Kanye njengoko besathetha, iqanda likaMhlekazi laqandusela, kwaphuma intshontsho likanombombiya. Balithiya igama lokuba nguMawethu ngenxa yendlela uMawethu awabanceda ngayo.





Ngephanyazo, onke amaqanda aqandusela! Bonke oonombombiya bavuya baza bonke ngokufanayo bathiya abantwana babo ngokuba ngooMawethu. Oku kwakungalindelekanga, Kodwa kwakuvuyisa ngenene.



